ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Zane Isaacs**
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Zane.Isaacs@westerncape.gov.za | 021 467 2942

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 20/3/10/1/4
Isalathiso: 20240531-4274

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSeekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo

**ISihloko: Ukuhlolwa kwamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nazimeleyo ekuya kubhalelwa kuwo iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke/zeSatifikethi seMatriki ngo-2024**

1. NgokoMmiselo 27(2) we-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente No. 37651* ye-16 Meyi 2014, "*Onke amaziko okubhalela iimviwo makahlolwe (evaluated) ligosa lequmrhu lovavanyo, ukungqinisisa ukuba zonke iifasilithi eziyimfuneko zokuqhutywa kweemviwo ziyafumaneka kwiziko elo*".

2. Iinqununu mazizalise isixhobo sokuhlola amaziko *(audit instrument)* qho ngonyaka, esibonisa ukulungela kwesikolo ukubhalisela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)/zeSatifikethi seMatriki (Senior Certificate (SC))*. Isixhobo sokuhlola amaziko masizaliswe kwikhompyutha yaye sinokufunyanwa kwi-*CEMIS* phantsi kwemenyu: *Exams/Assessments, Exam centre audit instrument*.

3. Phambi kokuzalisa isixhobo i-*audit instrument* sango-2024, kucelwa iinqununu ukuba ziqale zizifunde kuqala zonke iikhomenti, iingcebiso nemiba eyinkxalabo ephakanyiswe ngabaphathi besekethe, ngabaququzeleli bovavanyo nangumququzeleli oyi-*provincial audit coordinator* malunga nokuzaliswa kwesixhobo sokuhlolwa kwamaziko oviwo lwango 2023 kwi-*CEMIS*. Oku kuya kukhokelela ekubeni kuthathwe inyathelo lokulungisa imiba eyingxaki eliyimfuneko koku.

4. **Zonke izikolo** ezibhalisa iimviwo ze-*NSC/SC* zango-2024 mazizalise isixhobo sokuhlolwa kwangaphakathi kweziko lokubhalela uviwo kunye nesixhobo i-*electronic audit instrument*. Umhla omisiweyo wokuzaliswa nokusayinelwa kwesixhobo esikwikhompyutha i-*electronic audit instrument*, nguLwesihlanu we-**19 Julayi 2024.**

5. Isixhobo i-*electronic audit instrument* masisayinelwe kwi-*CEMIS* yinqununu nangumphathi wesekethe.

6. Isixhobo esizalisiweyo kwikhompyutha sango-2024 sifakelwe izilungiso kwingcaciso eyimfuneko kwicandelo elimalunga ne-*Computer Application Technology (CATN)* ne-*Information Technology (INFT)* emalunga nokulungela kweziko ukubhalela iimviwo. Eli candelo malizaliswe yinqununu, ngutitshala we-*CATN* ne-*INFT* kunye nomphathi wesekethe wazo zonke izikolo ezifundisa ezi zifundo.

7. Iziko lokubhalela uviwo ngalinye malifake kwikhompyutha isatifikethi i-*Health and Safety certificate* esisemthethweni nesatifikethi i-*Fire Equipment Service Certificate* xa lingenisa isixhobo i-*electronic audit instrument*.

8. Makusetyenziswe ezi khrayitheriya zokhuseleko zintlanu zilandelayo zizezona zisezantsi ukongeza kula manyathelo okhuseleko angamanye ekufuneka asetyenziswe kuwo onke amaziko okubhalela uviwo apho kugcinwa imathiriyeli yeemviwo ze-*NSC/SC*:

8.1 **Ukuphunyezwa kwesistim yokutshixa ngokuphindwe kabini, o.k.t. apho kufuneka kubekho abagcini bezitshixo ababini ukwenzela ukuba kufumaneke imathiriyeli yeemviwo ze-*NSC/SC* egciniweyo.**
8.2 **Abagcini bezitshixo zesistim yokutshixa ngokuphindwe kabini mababe ngamalungu eKomiti yoLawulo yeSikolo.**
8.3 **Unogada (onoogada) wokhuseleko makabekhona iiyure eziyi-24 ukwenzela ukuba akulawule ukungena nokuphuma kumasango ngethuba lokubhalwa koviwo, xa amaphepha emibuzo kunye/ okanye izikripthi zoviwo zigcinwa kumasango esikolo.**
8.4 **Iziko lokubhalela iimviwo malibe negumbi elinqatyisiweyo.**
8.5 **Igumbi elinqatyisiweyo malibe nendawo yokugcina izixhobo zokubhala uviwo**.

9. Ngo-2023, ezinye izikolo zafumana inkxaso-mali yeemeko ezingxamisekileyo ukwenzela ukuba kuthengwe inkonzo yezokhuseleko (*security guarding*) ukulungiselela ukugcinwa ngokhuseleko (*safekeeping*) kwemathiriyeli yemviwo ze-*NSC/SC* zangoNovemba. Ngenxa yamanyathelo angqongqo okonga iindleko, akukho nkxaso-mali yongezelelweyo ifumanekayo ngo-2024, yaye ngenxa yoko, izikolo ezingenako ukufezekisa iimfuno ezimiselweyo zendawo yokugcina imathiriyeli yeemviwo ze-*NSC/SC* zangoNovemba, kufuneka ziqinisekise ukuba le mfuno imiselweyo ichaziweyo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke ifezekisiwe phambi kokuba kuqale iimviwo.

10. Amagosa avela kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni aya kuqhagamshelana nezikolo ukulungiselela umhla nexesha lokundwendwelwa kwazo ukwenzela ukuhlolelwa ukulungela kwazo ukuba ngamaziko okubhalela uviwo.

11. Amathuba okundwendwelwa ukulungiselela ukuhlolwa aya kwenziwa ukususela ngo-Julayi ukuya ku-Oktobha 2024.

12. Apho kukho izenzo eziphinda-phindayo zokungathotyelwa kwemigaqo yeemviwo, iziko linokuphulukana nobume (*status*) balo bokuba liziko lokubhalela iimviwo.

13. Abafundi ababhaliswe kwizikolo ezizimeleyo abayi kungqinwa njengabaphumelele amabanga emfundo achaphazelekayo ukuba isikolo esizimeleyo asivunywanga (*accredited*) njengesifanelekileyo ngu-UMALUSI.

14. Okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane makufundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loViwo 0011/2022, yomhla we-03 Oktobha 2022.

15. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abasebenzi abenza umsebenzi wokusingatha nokulawula iimviwo ze*NSC* zango-2024 ezikolweni.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-06-08